Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo leNtshona Koloni

# UMBA WOBALULEKO / ONGXAMISEKILEYO KULUNTU

# UXWEBHU LWEMIBA 13

UPHENGULULO 1, 11 JULAYI 2016

Iingxoxo-mpikiswano ngemiba yobaluleko okanye engxamiseke kuluntu (ekuqheleke ukuba kuthiwe ziingxoxo-mpikiswano "ezingalungiselelwanga") zihoywa kwiMithetho eSisigxina.

IMithetho eSisigxina kwimiba yobaluleko / engxamiseke kuluntu ibonelela aMalungu ngethuba lokuba acele uSomlomo, ngembalelwano, ukuba avumele ingxoxo yemiba ayithabatha njengeyobaluleko kuluntu. Imiba enjalo kufuneka ibe nobume besihloko kwaye ibe isandula ukwenzeka.

Ekugqibeni ukuba ingaba isicelo sengxoxo-mpikiswano ngokwemigaqo yale mithetho kufuneka sivunywe, uSomlomo uthabathela ingqalelo ezi zikhokelo zilandelayo:

- Umthetho wemiba esephambi kweenkundla uyasebenza;
- Isicelo masihoywe ngomba urhulumente wephondo enokufumaniseka enoxanduva lwawo;
- Isicelo asizi kuvunyelwa ukuba umba unokuhoywa ngezinye iindlela kwixa elizayo;
- Umba wesicelo kufuneka unxulumane nomcimbi othile osandula ukwenzeka ingeyiyo imeko jikelele yemicimbi okanye umba womgaqo-nkqubo;
- Umba kufuneka uphakanyiswe kwangethuba;
- Isicelo masingahoyi ngaphezu komba omnye; kwaye
- Isicelo sengxoxo-mpikiswano enjalo kufuneka sizathuzelwe kakuhle.

Imiba ewela ngaphandle koku kungentla ingahoywa ngendlela yesiphakamiso esicwangciselwe ingxoxo-mpikiswano ngendlela eqhelekileyo ngenkqubo yokubonisana. Kule meko, uthethelelo lukaSomlomo ukulungiselela ingxoxo-mpikiswano kwiNdlu alufuneki.

Posbus 648, Kaapstad
8000, Suid-Afrika

PO Box 648, Cape Town
8000, South Africa

PO Box 648, Ekapa
8000, Mzantsi Afrika

www.wcpp.gov.za
+27 21 487 1600